# Intshayelelo

Titshala endimthandayo,

Esi siKhokelo sikaTitshala sihamba nenoveli, *Uphuziwe uWhitney,* ngokupapashwa *nguVoices of Afrika*. Le noveli, *Uphuziwe uWhitney*, ingebali elilungiselelwe abafundi abakwiBanga 6 ukuya kwele 10, injongo ephambili kukuncedisa ukuthintela i-HIV/AIDS.

Le noveli izithethelela ngamandla kwaye kufuneka okokuqala abafundi bakhuthazwe ukuba bathathe ixesha labo ukuyifunda, ukusuka kwiphepha lokuqala ukuya kwelokugqibela. Xa kujoliswa kwimfundo yabalingane, abafundi baya kufumanisa kulula ukuziqhelanisa nayo kwaye baya kufumana ucelo-mngeni kwanokuvuseleleka ngabalinganiswa abakule ncwadi. Kanti ke, abafundi bakho nabo banganakho ukuxhamla lukhulu kwiingxoxo zeklasi, nemisetyenzana eya kukhuthaza ukucinga okunzulu ngokwenza izigqibo. Esi siKhokelo sikaTitshala siyilwe ngobuchule ukuncedisana nawe ngeengcamango ezithile.

Le noveli ithi, *Uphuziwe uWhitney* ingasetyenziswa njengencwadi yokufunda kwiiNkalo zokuFunda ezifana neziFundo zoBomi kunye nezoLwimi. Le ncwadi ijonge ukuphuhlisa nokuphumeza ezi ziphumo zilandelayo zingundoqo nezakhayo ze-OBE, nezingqamene neNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe ehlaziyiweyo:

- Le ncwadi ikhuthaza ukucinga nzulu nokwenza izigqibo, ngakumbi ezinxulumene neempawu zentsulungeko. Le ke yenye yemixholo engundoqo yale ncwadi kwaye iphunyezwa ngokuveliswa kweempawu zentsulungeko ezichaseneyo kunye nemifuziselo yeendlela zokuziphatha eziqulathwe sisakhiwo sebali. Abafundi baya kuzifumana benyanzelekile ukuba benze uphononongo lokuba bayavumelana na okanye abavumelani nomba othile, kwaye bazifanise nabalinganiswa abahlukeneyo kule ncwadi, kunye namacala achaseneyo empixano kwisakhiwo sebali.
- Le ncwadi, *Uphuziwe uWhitney* inceda umfundi ekuqondeni uthungelwano lweenkqubo kunye neengxaki kwilizwe lomntu oselula lasesikolweni, ekhaya nasekuhlaleni. Le ncwadi

imcacisela ngokuphandle umfundi ukuba iingxaki nezisombululo ezingqamene ne-HIV ne-AIDS azingabo oozimele-geqe.

- Le ncwadi ineqela labalinganiswa abaneenkcubeko ngeenkcubeko kwaye ijonge ukukhulisa ulwazi olumalunga neenkcubeko kunye nobuntununtunu (sensitivity), lo gama izama ukugcina ukufaneleka kwezinto.
- Nangona oku ingenguwo owona mxholo wale ncwadi, *Uphuziwe uWhitney* ulubonisa ngendlela eyakhayo nevuselelayo uqeqesho lobutitshala apho ke kuthi kukhuliswe khona uphononongo lwabafundi malunga nolu qeqesho njengethuba lekhariye eliphakamileyo nelinokuba lulutho.

Le ncwadi,*Uphuziwe uWhitney* ijonge ukuphuhlisa nokuphumeza ezi ziphumo zokufunda zilandelayo **kwiNkalo yeziFundo ngeeLwimi**, kulwimi ngalunye efumaneka ngalo le ncwadi. (Le noveli yenzelwe umgangatho woLwimi lokuQala oLongezelelweyo okanye umgangatho woLwimi lwaseKhaya, kuxhomekeke kwiBanga nobudala bababafundi):

- Le ncwadi ityebile ngakwicala lengxoxo nakwisigama, kwaye inokusetyenziswa ngeendlela ngeendlela ezahlukeneyo ukuphumeza uhlanganiso lwazo zonke iziphumo zokufunda ezithandathu, esokuphulaphula, sokuthetha, sokufunda nokulolonga, sokubhala, sokucinga nokuqiqa, nezakhiwo zolwimi nokusetyenziswa kwazo.
- *Uphuziwe uWhitney* uluphuhlisa ngamandla uhlanganiso lweempawu zentsulungeko kufundo lolwimi. Itekisi iqulethe iimpawu zentsulungeko ezakhayo kwanezo zingakhiyo, kwaye ikhuthaza abafundi ekuzicazululeni ize izichase ezo mpawu zentsulungeko zingakhiyo.

*Uphuziwe uWhitney,* ujonge ukuphuhlisa nokuphumeza ezi ziphumo zokufunda zilandelayo **kwiNkalo yeziFundo ngezoBomi**:

- Uphuhliso kwezempilo: Itekisi ichaphazela iingxaki zasentlalweni nezizezomntu buqu ezingqamene neendlela zokuphila abazikhethela zona abantu kunye neendlela zokuziphatha ezibeka ubomi babo emngciphekweni, ingakumbi ngokubhekiselele kwi-HIV/AIDS. Uhlanganiso

nokusetyenziswa nzulu kweempawu zentsulungeko ngumfundi. Iindlela zokuziphatha neendlela zokuphila azikhethela zona umfundi ezithe zaphuhliswa kule ncwadi, ziya kuba nempembelelo eyakhayo empilweni, kubomi obunexabiso nendlela ayiyo umfundi.

- Uphuhliso kwezentlalo: njengoko sele kukhankanyiwe apha ngasentla, iqela labalinganiswa beenkcubeko ngeenkcubeko, bale ncwadi kunye nemeko-bume, zijonge ukuphuhlisa ukwazana nokuhlonelana phakathi kweenkcubeko ezahlukeneyo kwimeko-bume yoMzantsi Afrika.
- Ukuziphuhlisa: *Uphuziwe uWhitney* ujonge ukuxhobisa abafundi ngezakhono zobomi ezifunekayo kunye nokuthelekelela  indlela abanokusabela ngayo ngokufezekileyo kucelo-mngeni oluza ne-HIV/AIDS.
- Ukuqhelaniswa neLizwe lomSebenzi: Nceda ujonge kulo mba ukhankanyiweyo apha ngasentla ngokuphathelele kumfanekiso esiwuzotyelwa yincwadi malunga noqeqesho lobutitshala.

## INDLELA YOKUSEBENZISA ESI SIKHOKELO SIKATITSHALA

Kwesi siKhokelo sikaTitshala, inoveli yahlulwe yangamacandelo angundoqo ama-4:

Icandelo A: izahluko 1-3
Icandelo B: izahluko 4-6
Icandelo C: izahluko 7-8
Icandelo D: izahluko 9-12

ICandelo ngalinye liqala ngesishwankathelo leziphumo zokufunda emakujoliswe kuzo, esithi silandelwe sisishwankathelwana sesakhiwo sebali, abalinganiswa abaphambili kunye nemixholo ekhoyo kwezo zahluko. Umbuzo omnye okanye ngaphezulu kwiingxoxo okanye imisetyenzana inokulandela kwezi zishwankathelo.

Emva koko iCandelo ngalinye lilandele nezi zinto:

1. Imisetyenzana eyonwabisayo
2. Imisetyenzana yolwimi
3. Imisetyenzana engeziFundo zoBomi
4. Ezinye iingcamango
5. Amaphepha emisebenzi yabafundi (Anokwenziwa abe zikopi)

Nceda uqaphele ukuba isiKhokelo sikaTitshala, asenzelwanga ukuba sibe ngummiselo okanye sibe kukuphela kwento onokuyisebenzisa. Senzelwe ukukuxhobisa wena titshala ngamacebo athile okuba ungayisebenzisa njani na le ncwadi, *Uphuziwe uWhitney* kwiklasi yakho kunye nokukufumbathisa izixhobo zokufundisa ezibalulekileyo ngeenjongo zokulondoloza ixesha nemigudu yakho. Siyathemba ukuba esi sikhokelo uya kusifumana siluncedo kuwe.

# ICANDELO A
## (Izahluko 1-3)

## IZIPHUMO

Xa uqhubeka usebenza kwizahluko ezithathu zokuqala zale ncwadi, kufuneka ezi ziphumo zilandelayo zikhunjulwe:

Abafundi kufuneka ba:

- Funde baze baqonde umongo kunye nesakhiwo sebali kwezi zahluko. (Zontandathu iziphumo zoLwimi ezazisiweyo – esokuphulaphula, esokuthetha, esokufunda nesokulolonga, esokubhala, esokucinga nokuqiqa, nesakhiwo solwimi nokusetyenziswa kwalo, zinokuphuhliswa).

- Konwabele ukufunda nokuxoxa ngenoveli. Ootitshala bayakhuthazwa ukuba bayenze ibe yinto eyonwabisa abafundi, ingabi yinto enika ubunzima kubo kwanento ebaxhalabisa ngokugqithisileyo.

- Chonge iimpawu zentsulungeko ezahlukeneyo kunye nezimilo ezihambelanayo njengoko ziboniswayo ngabalinganiswa abaphambili.

- Phononononge ukuba bayavumelana okanye abavumelani ngezimvo ezahlukeneyo kunye nabalinganiswa abakule ncwadi.

- Camngca ngeempawu zentsulungeko ezizezabo kwaye babenakho ukubona ukuba zeziphi na iimpawu zentsulungeko abafundiswe ngazo okanye abathe bazikhethela zona ukuba baphile ngazo.

- Vuseleleke umdla kokuza kwenzeka kwincwadi yonke. Into ekujoliswe kuyo kweli candelo kusekubhaqeni nasekuqapheleni izinto ezithile, asikokufikelela ezigqibeni nokwenza izigqibo. Ootitshala akufuneki bagxinise ngokugqithisileyo kwiimfundiso ezilungileyo ezichatshazelwa kwezi zahluko.

# ISAKHIWO SEBALI

Kwisahluko sokuqala saziswa ngabalinganiswa abaphambili abasencwadini, uWhitney noLucky. Isakhiwo sebali sakhelwe kuthando oluphakathi kwabo, kunye nenkxalabo oluthi luze nayo. Le meko ithande ukuba shushu zisuka nje kwaye sidibana noNksk Pillay, utitshala osenyongweni kuWhitney, efika esi sibini siphuzana esitoreni. Ngenxa yonakekelo lwakhe uNksk Pillay ufowunela abazali bakaWhitney, kwaye kulapho siyifunda khona imeko kaWhitney kwikhaya lakhe. Esi sehlo, ngokumalunga noLucky senza ukuba lube mandundu ungqzulwano olukhoyo phakathi kukaWhitney nabazali bakhe abameko yabo ibonakalisa unxunguphalo ngenxa yokugula kukayise.
Kwisahluko sesithathu saziswa ngomhlobo olungileyo kaWhitney, ogama lakhe linguLindiwe, kwaye sibona uthando oluphakathi kukaLucky noWhitney luthatha unyawo. UNksk Pillay uzityanda igila kuWhitney malunga nolu nxulumano kwakunye neempawu zentsulungeko, kwaye oku kwenza ukuba kube lula ukubona isizathu sokuba uNksk Pillay abe uyititshala kaWhitney esenyongweni. Sifumanisa ukuba impilo katata kaWhitney iya isiba mandundu, nanjengoko ukugula kwakhe okufihlakeleyo kumgibisela ebhedini, kukhatshwa ngumkhuhlane omkhulu.
UWhitney kuyaqondakala ukuxhalaba kwakhe kwaye uzama ukufumana unobangela wezi mpawu zokugula kwakhe.

# ABALINGANISWA ABAPHAMBILI

**UWhitney** yintombazana eneminyaka eli-13, elidela-kufa, obomi bakhe neengcinga zakhe zikwisiphithanyongo sokuba ethandana, etsala nzima ngenxa yeengxaki zasekhaya kwanokumelana nexesha lokufikisa. Sifumana ukumazi njengentombazana emsulwa nenobuntwana elukuhlwa luthando lenkwenkwe endala kunaye. Unexhala ngendlela akhangeleka ngayo, indlela abanye abantu abacinga ngayo ngaye kwakunye noyise ogulayo. Nangona ebonakala ngathi uvuthiwe nje kwindlela acinga ngayo, wenza izigqibo ezingabonakalisi kukhula njengoko efuna isitya ebumnyameni ekwahluleni okulungileyo kokungalunganga. Unxanelwe ukubhaqa nto njengoko efunda ngothando, Ngo-xanduva, ukukhula nokuziqhelanisa nemeko emaxongo ekhaya.

**ULucky** waziswa kuthi njengenkwenkwe ejongeka kakuhle, ethandwa ngabantu nefunda kwisikolo samabanga aphakamileyo, ezithandela uWhitney. Nangona engacacelwanga uWhitney, icacile kumfundi into yokuba iinjongo zakhe aziphakamanga kwaphela, nanjengoko emcengela kwindawo eyaziwa nguye yedwa. Xa babhaqwayo, impendulo yakhe yesiqhelo kukuxoka. Ukunganyaniseki kwakhe kuyacaca ukuba kuyinxalenye yesimo sakhe, nanjengoko exokisa uWhitney kwasekuqaleni kothando lwabo. Ungumntu onolwimi olubetha kamnandi, kwaye ubonakala njengomntu ophilela uthando, ubhala amakhadi eValentine kunye neeleta zothando.

**UNksk Pillay** ngutitshalakazi kaWhitney wesiNgesi, nosenyongweni kuye. Ubonakala njengomlinganiswa onamandla kwaye ukufuna ngamandla ukuhlonitshwa. Uyabathanda abafundi bakhe kwaye unomdla kakhulu kubomi babo. Unazo neenkolelo ezinamandla kwakunye neempawu zentsulungeko ezigqithisileyo abelana ngazo nabanye ngaphandle kokunyanzelisa. Umzekelo anguwo nendlela aziphethe ngayo, ezo zinto zimenza ukuba ahlonelwe, itsho yonke ke loo nto yenze ukuba uWhitney afune iingcebiso kuye kunye negalelo lakhe. UNksk Pillay uzotywe njengotitshalakazi onobulumko nonengqiqo, nothetha phandle nongqongqo, phofu yonke loo nto uyenza ngendlela ephucukileyo nenononophelo.

## IMIXHOLO

Eminye yemixholo ekhuliswayo ngokuya iqhubeka inoveli, yaziswa kwizahluko zokuqala ezithathu.

**Uthando lokwenene:** Sibona lukhula uthando phakathi kukaWhitney noLucky, kwaye noNksk Pillay uzama ukuncedisana noWhitney ekuqondeni ukuba lungantoni na uthando.

**Intembeko:** Ukuthenjwa kukaLucky nguWhitney ngendlela efanelekileyo, kungqiba imibuzo yokuba ngubani na onokumthemba kwaye kufuneka umntu umthembe phezu kweyiphi na imihlaba. Ngokucacileyo abazali bakaWhitney abahambisani neengcinga zikaWhitney ngokuthemba iinjongo zikaLucky. Kwaye unxulumano

lwentembeko phakathi kukaWhitney nabazali bakhe aluzinzanga. UNksk Pillay uphumelele ekuthenjweni nguWhitney, kwaye simfumana uNksk Pillay enombuzo wokuba kutheni uWhitney emthembe ngolu hlobo uLucky.

**Iimpawu zentsulungeko:** UNksk Pillay uchaphazela umba neempawu zentsulungeko kwingxoxo yakhe noWhitney, obesele kakade ezibuza umibuzo ngamanyathelo akhe noLucky. Nangethuba lokuvutha kothando lwabo siqaphela ukuba uWhitney umangalisekile kuye ngaphakathi ukuba kokuphi okulungileyo okanye okungalunganga.

**Ukunyaniseka:** Lo mxholo usihlola kakhulu isimo sikaLucky esiphela simazi njengomntu onezinto eziziimfihlelo kunye nezibubuxoki.

## Imibuzo yengxoxo:

1. Ucinga ukuba uWhitney umazi ngokupheleleyo uLucky ngokokude amthembe emva kweentsuku ezi-9? Kutheni kunjalo okanye kutheni kungenjalo?

2. Kutheni le nto ucinga ukuba uWhitney wayexhalabile kwaye esoyika, ngaxesha nye eyivuyela into yokuba babe bodwa noLucky? Wayexhalatyiswa yintoni?

3. Mihlaba mini ekufuneka uWhitney athabathele kuyo isigqibo sokuba izenzo zakhe zilungile okanye azilunganga?

# IMISEBENZI EYONWABISAYO

## 1.1 Umnxeba oqhawukileyo

**Iziphumo:**

Ukuzonwabisa lo gama ufundayo.
Ukwenza imbula-mbethe.

Misa Abafundi bakho ngokwemigca,babe ngamaqela amalunga ne-10. Cela umntu ongaphambili kumgca ngamnye ukuba eze kwidesika yakho ukuza kukhangela iphepha ekubhalwe kulo isivakalisi. Nje ukuba umntu ngamnye asibethelele entloko isivakalisi, makabuyele kwiqela lakhe ukuze afike asebezele umntu wesibini. Umntu wesibini makasebezele umntu wesithathu, njalo njalo. Xa umntu wokugqibela kumgca ngamnye efumana umyalezo, makeze ngaphambili aze acelwe ukuba avakalise ukuba ukholelwa ekubeni besisithini isivakalisi phaya ekuqaleni ngqa. Ungasebenzisa le mizekelo ilandelayo okanye wenze ezakho izivakalisi.

1. Kwi*Mars* abantu abavela kwelinye ilizwe batya isonka samasi esinevumba kwaye bonke basisini esinye ngako oko ke akukho nto injengothando oluvuthayo.

2. Amabhabhathane avela kwimibungu, amasele avela kwizabonkolo, iintaka zivela emaqandeni, uvelaphi wena?

3. Xa abahlobo besenza izinto ezisemfihlakalweni, benza izinto mhlawumbi abangafanele kuzenza!

4. Kukho abantu ongasoloko ubathembile kunye nabantu abajongeka bethembekile kodwa ukuba ukhe nje waqalisa ukubazi, uqonda mhlophe ukuba akunakuze ubathembe.

5. Ndiyayazi into yokuba kuza kuba nzima ukuyiva into endiza kuyithetha, kodwa ukuphulaphula sisakhono esibalulekileyo ukuba ngaba ufuna ukufunda nto.

1.2 **<u>Iphazili yamagama:</u>** (iphepha lomsebenzi liyanikezelwa)

| |
|---|
| **<u>Iziphumo:</u>**<br><br>Ukonwabela ukufunda nokusebenzisana netekisi.<br>Ukuzonwabisa lo gama ufundayo.<br>Ubuchule bokuzingela nokuchonga amagama.<br>Ukwandiswa kwesigama.<br>Ukuphuculwa kopelo lwamagama. |


**Zalisa le phazile yamagama ilandelayo ngokuthi usebenzise izikhokelo ezinxulumene noPhuzo lukaWhitney lokuqala.**

**<u>Ukuhla</u>**

1. emfunqulela
2. onomkhitha
3. nexhala
4. warhwaqela
5. emqolo
6. siyayaluzela
7. isitshixo
8. epokothweni

**<u>Ukunqumleza</u>**

1. entywilile
2. waphuzwa
3. lesiqholo
4. akufuni
5. iyaxhumaxhuma
6. imilebe
7. endikuthanda
8. emsondeza



**1.2 Izikhokelo zePhazile yamagama**
(zithathwe encwadini kumaphepha 3-5).

**Ukuhla**

1. Wayengazange wakha waziva ngohlobo awayeziva ngalo - waziva ngathi kukho into _______ phezulu.
2. ULucky wayengumfo _________ kakhulu, ethandwa ngabantu.
3. UWhitney waziva exuxuzelelwa sisisu – kudibene imihlali _______.
4. Kutheni na, ntombi? Usuke ________.
5. Wasiva isandla sakhe sisihla sinyuka apha ______ side siyokutsho nasezimpundwini apha.
6. Isisu sikaWhitney ngelo xesha sasingathi_______.
7. Wacacisa watsho uLucky, ekhupha ____ 8_____. "Akukho mntu uzayo apha."

**Ukunqumleza**

1. Amehlo uwavale mba, ________ eluthandweni.
2. Yena wayesitsha zintambo efuna ukuphuzwa – wayengazange wakhe ___________.
3. Waliva nelo vumba __________ sakhe samakhwapha.
4. ________ ukuba nam?
5. Intliziyo kaWhitney ayixhentsi___________.
6. Wathi ke ukuthoba intloko uLucky ukuza ngasemlonyeni kuye yahlangana _________.
7. Sukuba nexhala. Khawundiyeke ndikhe ndikubonise indlela ______ ngayo.
8. "Kungenjalo ngewungekho apha ngoku," watsho embamba ngesandla__________ kuye.